## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 iHarry Gwala District Municipality iyakube inkqenkqeza phambili ngobonelelo ngamanzi kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo

• Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Amazwi Omhleli | 04 |
| Amazwi esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi oMphathi ka-Masipala | 07 |
| IBhunga kunye neeKomiti | 08 |
| UMM omtsha waMasipala wesiThili iHarry Gwala wamkelwa uSodolophu nabasebenzi | 10 |
| UMphathi Masipala omtsha umemelela ukuzinikezela kubasebenzi | 12 |
| Amanzi bubomi, ugutyulo lwelindle sisidima: IsiThili iHarry Gwala sazisa ngeeprojekthi zohanjiso lweenkonzo ukuphuhlisa uluntu | 13 |
| Iiprojekthi eziyi11 zityelelwe sisikhokhelelo soMasipala wesiThili iHarry Gwala | 15 |
| Utyelelo lwe-IDP: Ithuba lokuthetha namalungu oluntu | 16 |
| Uceba omtsha uzimisele ukunceda uluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala | 17 |
| IsiThili iHarry Gwala sithi hayi ngokuxhatshwazwa ngokwesini | 18 |
| Ingxelo Esuka Kwinkqubo Yeengxoxo Ngokukhulelwa Kolutsha | 19 |
| Masenze ezolimo zibe mbejembeje | 20 |
| “Sifuna amanina amaninzi kwezamanqindi” | 21 |
| Ukugqithiswa kwemveliso nokuvulwa kweprojekthi | 23 |
| Kuvulwe ikhasi leWhatsApp | 24 |
| Harry Gwala District Municipality, Utyelelo lwabaxhamli - Impumelelo Enkulu! | 25 |
| Impumelelo yentlanganiso iDistrict Development Model Political Hub | 26 |
| Ingxelo Yeprojekthi: Ukunyuswa kodonga ledama iKempsdale | 27 |
| USodolophu waseHarry Gwala ukhulule umthika wobusodolophu ngembeko kusodolophu waseKokstad | 28 |
| Amalungu amatsha ebhodi yeHarry Gwala Development Agency | 29 |
| Usodolophu waseHarry Gwala uncoma ukutyunjwa kukasodolophu omtsha waseKokstad | 30 |
| Operation Mbo | 31 |
| Isikhumbuzo se-World foetal Alcohol syndrome Day | 32 |
| INyanga yaMafa neNkcubelo yamkelwe | 34 |

# Iindibano ze-IDP: Uluntu lubonakalise ukumthemba umasipala



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

NDIYABULISA kuluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwla. Sidibana apha kweli qonga apho sinika ingxelo kuni ngendima esele ihanjwe ngumasipala ngokoyamene nohanjiso lweenkonzo. Singcamla kuxanduva lwethu kwisahluko 152(1) somgaqo siseko weloMzantsi Afrika, ogunyazisa ukuba ulawulo lwasemakhaya lufanele ukwenza oku:

(a) Lizise intando yesininzi nolawulo olunengqiqo kuluntu ekuhlaleni
(b) Luqinisekise ukunikezelwa kweenkonzo eluntwini ngendlela efikelelekayo
(c) Lukhuthaze uphuhliso loluntu neloqoqosho
(d) Lukhuthaze okusingqongileyo okukhuselekileyo nokunempilo
(e) Lukhuthaze ukuzibandakanywa koluntu namaqumrhu oluntu kwimiba yolawulo lwasemakhaya

Ukusabela koluxanduva lalomthetho, ngakumbi isihlukwana 1(e), siqhube imigushuzo yotyelelo lwe-IDP/uhlalo lwabiwo mali kubo bonke oomasipala basekuhlaleni. Abantu banikwa iqonga lokuthetha nokwabelana ngemibono enxulumene neenkonzo eziziswa kubo. Kule migushuzo, eyaqhutywa ekuqaleni kwekota yesibini yonyaka mali wama 2022/23, abantu babonakalise ukumethemba umasipala ngokoyamene nokuhlinzekwa ngeenkonzo. Ngoko mhlahla ndlela wengeniso nesivuno, sikhuthazwe yimibono emitsha esiyifumene kuluntu kwezindibano.

Sinemincili ukunazisa ukuba intlanganiso yonxibelelwano yesiThili ebanjwa rhoqo ngekota, ibanjwe ngempumelelo kuMasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma. Le ntlanganiso, nebibanjwe kweYomsintsi, iqhutywe ngohlobo olwahlukileyo nalapho bonke ooceba balo masipala beye bafundiswa ngeendlela ezahlukeneyo zonxibelelwano. Olu cweyo, obelukhokhelwa licandelo lezonxibelelwano nolwazi lukarhulumente, beku lelokuqala ezimbalini emva kokubekwa kwebhunga elitsha loMasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamin-Zuma ngomnyaka wama 2021. Ephawula ngolu cweyo, usomlomo webhunga uMnu. Sifiso Phoswa, ukhankanye ukuba uqeqesho olufana nolu lubavule amehlo bengooceba abatsha.

"Sifunde lukhulu kuni namhlanje, ukusukela ngoku sizakuqinisekisa ukuba bonke ooceba bathobela imithetho yezonxibelelwano, kucace mhlophe ukuba xa siqhubeka ngolu qeqesho sizakwenza ngcono singumasipala ngokoyamene nemiba yokugqithisa imiyalezo abantwini," kutsho uPhoswa.

Silicandelo lezonxibelelwano siqinisekile ukuba ngokubamba olu cweyo, umbono wethu wokuba noluntu oluzibandakanyayo kule ngingqi luzakuba yimpumelelo. Uluntu oluzibandakanyayo luyakwazi ukuthabatha inxaxheba kuyo yonke imigushuzo karhulumente, kuquka ukuvota kulonyulo lwasekhuhlaleni, olwephondo kunye noluka zwelonke. Uluntu oluzibandakanyayo luyakwazi nokukhuthaza izigqibo zikarhulumente malunga nezidingo zalo ngokusebenzisa amaqumrhu asekuhlaleni, amaqumrhu engcinezelo okanye umntu azimele.

Xa sigqibezela iintsuku ezishiyekileyo zonyaka, ukusetyenziswa kwamanzi kulindeleke ukuba konyuke ngenxa yeeholide ezizayo zolonwabo. Sibongoza uluntu lonke ukuba longe amanzi kwaye luthobele imithetho yokusetyenziswa kwamanzi apho kunesidingo. Umasipala uzimisele ukuqhubeka nokunxibelelana noluntu rhoqo ngokoyamene nengxelo yokuhanjiswa kweenkonzo.

Ngala mazwi angasentla, ndithanda ukuthabatha eli thuba ukuninqwenelela konke okuhle kweli xesha elizayo lolonwabo, hlalani nikhuselekile kwaye niqaphele yonke imithetho karhulumente. Ndiyathemba nizakulonwabela olu shicilelo, ningalibali ukusilandela kumakhasi ethu ezonxibelelwano loluntu: Harry Gwala District Municipality kuFacebook, www.harrygwaladm.gov.za, nalapho nizakufumana olu ushicilelo lobuchwepheshe.

Masibuye sibonane kwixesha elizayo.



**NKS UNONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)

**UMNU UMQONDISI DUMA**
UMSIZI WOKUPHATHA EZOKUXHUMANA

# Umyalezo osuka kusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala

NDIYABULISA kwakhona kuluntu oluphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala. Sebenzisani olushicilelo lweendaba zesiThili ukuphucula unxibelelwano noluntu. Kolu shicilelo, sizakuzama kwakhona ukuninika ingqokelela yobungqina bemigushuzo yokuhanjiswa kweenkonzo, nalapho singumasipala siye sazenza ngexesha elithile. Le ncwadi isisixhobo esibalulekileyo sonxibelelwano noluntu lwethu kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala. Unxibelelwano noluntu lwethu luyinxalenye yokuthobela imithetho yenkululeko yolwazi neenjongo zokwakha urhulumente wentando yesininzi. Urhulumente ungumsebenzi woluntu. Kuyo yonke intando yesininzi, urhulumente ukhethwa luluntu, kungoko kungowabantu ngabantu. Kubalulekile ukuba uluntu oluphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala luhlale lusaziswa ngemisebenzi kamasipala, kwaye luphuhliswe ukuze luthabathe inxaxheba ukuba yinxalenye yawo. Oku kufuna uMasipala wesiThili iHarry Gwala uqhubeke nokunxibelelana nabantu. Le ncwadi yeendaba liqonga eliqinisekisa ukuhanjiswa kolwazi kuluntu sisiThili.



**Usodolophu weHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo**

**Samnkela i-Accounting Officer**

Ndivumeleni, egameni lomasipala wonke, ukwamnkela i-Accounting Officer yethu entsha, uMnu. Gamakulu Ma-Art Sineke.

Njengosodolophu, ndithanda ukuncoma bonke abathe baxigqatsa baze bavavanyelwa isithuba sokuba nguMphathi Masipala. Bonke abaye bakuluhlu lokhetho, bavavanywe ngamandla nangononophelo ukuze kukhethwe umntu ozakuthabatha uMasipala awuse emajukujukwini.

Ndiqinisekile ukuba uMnu. Sineke uwulungele lo msebenzi kwaye uza nolwazi oluphangaleleyo nesakhono kulawulo loorhulumente basemakhaya. Silibhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala silindele ukuzinikezela kuMphathi Masipala omtsha ngokuhanjiswa kweenkonzo eluntwini. Imisebenzi ekulindeleke ukuba uMnu. Sineke ajongane nayo iquka ukuphucula iiprojekthi zophuhliso lwezakhiwo, uphuhliso lokutsala abatyali zimali abazakukhuthaza uphuhliso kunye nokwenza amathuba emisebenzi ngaphakathi kwisiThili. Angalibali ukugcina umbono wokuba ngomnyaka wama 2030 isiThili iHarry Gwala sizakube siphala phambili ngokuhlinzeka ngamanzi kwiphondo laKwa Zulu-Natal, ukuqinisekisa ukuba sihlinzeka ngamanzi acocekileyo, aselekayo, ngaphandle kophazamiseko kwisiThili.

**Njengosodolophu, ndithanda ukuncoma bonke abathe baxigqatsa baze bavavanyelwa isithuba sokuba nguMphathi Masipala.**

SingooCeba sizakudlala indima ebalulekileyo yokuqaphela uhanjiso lweenkonzo kuluntu lwethu. Sizakubeka iliso elibukhali kwindlela ezakuhanjwa nguMasipala wethu ngaphantsi kolawulo lukaMnu. Sineke. Sifuna ulawulo olucocekileyo noluhle, kwaye njengoMphathi olawulayo, lo msebenzi uwela ngaphantsi koxanduva olubotshelelwe kwisithuba sokuba nguMphathi Masipala.

Kodwa nizakubona ubuso obutsha kwikhasi lomphathi omkhulu nanjengoko izivumelwano




**Ohloniphekile iMeya yomkhandla uCeba Z.D Nxumalo Kanye neMenenja esanda kuqokwa uMnuz Gamakulu Sineke.**

zabaphathi sele ziphelelwe, kodwa siyabulela kubo ngokusebenza ngokuzinikezekela ukuqinisekisa iinkonzo eziphucukileyo zoMasipala waseHarry Gwala. Sikwabanqwenelela okuhle neentsikelelo kwimizamo yabo yekamva. Samnkela abaphathi abakhulu abatsha sibanqwenelela konke okuhle kwizithuba zabo ezintsha. Banga bangazimisela ukwenza kakuhle.

**Usuku lwenkcubeko**

Kwinyanga YoMsintsi, ilizwe lethu belubhiyozela inkcubeko ezahlukeneyo nezintle. Eli lilixa apho sibhiyozela ngolonwabo okusenza ama-Afrika aseMzantsi.

Umxholo wenyanga yenkcubeko ka 2022 uthi “Sibhiyozela isipho sikaSolomon Linda kunye nomculo wesintu waseMzantsi Afrika.” (“Celebrating the Legacy of Solomon Linda and South Africa’s Indigenous Music.”)

Ngenyanga yenkcubeko 2022, uMzantsi Afrika ukwabhiyozela iminyaka engamashumi amathandathu okusweleka kukaSolomon Popoli Linda, ongumsunguli womculo wesichathamiya nowaqamba iculo elidume ilizwe lonke elithi “Mbube.”

SinguMasipala wesiThili iHarry Gwala sinqwenelela uluntu lwethu lonke inyanga yenkcubeko emnandi, masizingce ngobuntu bethu.

**Kwinyanga YoMsintsi, ilizwe lethu belubhiyozela inkcubeko ezahlukeneyo nezintle. Eli lilixa apho sibhiyozela ngolonwabo okusenza ama-Afrika aseMzantsi.**

**Ukuxhatshaxwa ngokwesini**

Makuyekwe ukuxhatshazwa kwamanina nabantwana. Kwanele ngoku. KwisiThili sethu ngenyanga YeThupha kwabulawa amantombazana amancinci ebefunda kwisikolo samabanga aphakamileyo iGinyane, uMinenhle Buthelezi kunye no-Amanda Zulu. IsiThili asihambisani nenkohlakalo enje kwaye simemelela kwingalo yomthetho ukuba idlale indima yawo. Ndingusodolophu woMasipala wesiThili ndimemelela onke amadoda kwisiThili ukukhokhela imigushuzo yokulwa nokuxhatshazwa ngokwesini, sibe ngabokuqala ukuthi ‘hayi egameni lam.’

AMAZWI OKWANDULELA KAMENEJA KAMASIPALA

# Ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo kuluntu kubalulekile empilweni yalo



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

ESI sisiqendu sam sokuqala kushicilelo lweendaba zaseHarry Gwala emva kokuba ndichongwe njengoMphathi waloMasipala. Zisasuka nje, ndithanda ukucacisa kubo bonke ooceba, abaphathi kunye nabantu abathandekayo besiThili naphi na, ukuthi ndiyazingca ngokuba, ndiziva ndamnkelekile kulo Masipala. Sele kuphele inyanga ndihleli kwesi situlo esitshisayo kulo Masipala, kwaye ndifuna ukugxininisa ukuba utshintsho lwam lube noxolo nemfudumalo, ubuhlobo bokusebenza, ngokubona kwam, busekelwe kwiingcambu zolwazi nezakhono, ndisebenzisana kakuhle kakhulu nabaphathi kwaye ndiziva ndililungu losapho.

Abanintsi, okanye bonke, inoba bayazibuza ukuba, ingabe ukufika kwam apha kweli ziko elihloniphekileyo, kutsho ukuthini na? Xa ndizakuphendula loombuzo, mandiqale ngokwenza umbulelo kwiinkokheli zezopolitiko ezikhokhelwa ngohloniphekileyo usodolophu, uceba Z. D. Nxumalo nebhunga lonke kunye nabasebenzi bonke, bekhokhelwa ngabaphathi bamasebe ahlukeneyo, ngokundamnkela ngezandla ezishushu. Ukunika impendulo engqalileyo, kum ukukhokhela kulawulo kukwenza abanye abantu babe ngcono ngenxa yobukho bam, nokuqinisekisa ukuthi ubukho bam abuvuseleli kuphela ukuzimisela kwabo ukusebenzela uluntu, koko baza kuhlala besenza kanjalo nokuba sele ndingekho.

URalph Lauren, ummi waseMelika owasungula nolawula ukopolotyeni onamabhiliyoni owaziwa ngegama lakhe, wakhe wathi "inkokheli inombono nethemba lokuba iphupho lingafezekiswa. Unika abanye umdla namandla wokulifezekisa."

Uxanduva loomasipala beziThili lokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo koomasipala basekuhlaleni lubalulekile kwaye lusebenzisa inkuthazo engamandla kulawulo loorhulumente basemakhaya, kwakunye noomasipala basekuhlaleni abangaphantsi kolawulo lwabo. Lilonke, umsebenzi womasipala wesithili ngokomthetho weloMzantsi Afrika, kukuzisa iinkonzo ezifana namanzi acocekileyo nogutyulo lwelindle. Oomasipala beziThili ngabo abenza oku kube yimpumelelo koomasipala basekuhlaleni ukuze kuphuculwe ubomi babantu bethu.

Uxanduva lokuhambisa ezinkonzo ezibalulekileyo kulo lonke uluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala akubalulekanga kuphela kodwa kusisidingo. Ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo kubo bonke abantu kubalulekile ukuzisa impilo nokuphila kakuhle, uphuhliso lwezoqoqosho nokufezekisa ilungelo lomntu wonke kwilizwe lethu.


UMzantsi Afrika lilizwe apho kukhona unqongophalo lwamanzi kwaye kunomceli mngeni wokuhanjiswa kwamanzi nogutyulo lwelindle, okwenziwa zizinto eziquka ukuguga kwezakhiwo zamanzi, ukunganakekelwa kakuhle kwezo zakhiwo, ukungafumani nkxaso yokugcina izakhiwo zamanzi nogutyulo lwelindle, ukwehla kwezinga lococeko lamanzi neembalela eziphindaphindayo ngenxa yotshintsho lwemozulu.

Le miceli mngeni ikhokhelela ekuqhwaleleni ekufumaneni iinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle eluntwini. Oku kuthetha ukuba kufanele sizimisele emsebenzini wethu ngokoyamene nomthetho woxanduva lweziThili. Sizakwenza ngako konke okusemandleni kwaye sizakuzama ukuhlangabezana nezidingo zoluntu.

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
Imanejala kaMasipala kwiNkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
Imanejala kaMasipala kwiInkonzo Zeziseko Zophuhliso



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwaCandelo Lezemisebenzi



**UMNU UDUMISANI SANDILE GQIBA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lokuhlinzeka ngaManzi














**Usodolophu uceba Z. D. Nxumalo, wamnkele wazisa uMphathi Masipala omtsha kubaphathi nakubasebenzi kwi-ofisi elawulayo yase-Ixopo. Abasebenzi baphumele ngaphandle kwee-ofisi zabo ukuyokwamnkela uMM omtsha.**

UMPHATHI Masipala omtsha wesiThili iHarry Gwala uMnu. Gamakulu Sineke, uqale ukusebenza ngomhla wokuqala kweYoMsintsi 2022.

UMnu. Sineke, wamnkelwe nguSodolophu wesiThili uCeba Z. D. Nxumalo, nesekela lakhe uCeba Nosisa Jojozi, kunye noSomlomo uCeba Sibongiseni Mdunge kwakunye nezinye iinkokheli zezopolitiko kulo Masipala.

Ulawulo, kuquka owayesakuba libambela Mphathi Masipala uNkskz. Thobile Thiyane-Magaqa, nabo baye bamamnkela uMphathi Masipala.

Emva kwentlanganiso emfutshane nabaphathi, uSodolophu uye wenza intetho kubaphathi boMasipala kunye nabasebenzi nalapho ebesazisa uMnu. Sineke njengoMphathi omtsha.

USodolophu uNxumalo uthe uyazingca ukuba nomntu onesakhono njengoMnu. Sineke njengoMphathi Masipala omtsha.

"Ndithanda ukunazisa (basebenzi baloMasipala), uMphathi Masipala omtsha, uMnu. Sineke. Mamnkeleni nisebenze kakuhle ngaphantsi kolawulo lwakhe. Kuyimincili nentlonipheko ukuba nomntu onjengo Sineke kulo masipala," kutsho usodolophu Nxumalo.

Ngethuba lentlanganiso uNkskz. Thiyane-Magaqa, uthembisile ukuba bonke abasebenzi, kuquka nabaphathi bazakumxhasa uMphathi omtsha.

"Esikulindele kuwe kukuthi uzakukhululeka kwaye wenze imimangaliso kulo masipala. Awukho mtsha kuthi sonke nanjengoko ubusebenza komnye woomasipala bethu (Ubuhlebezwe njengoMphathi Masipala). Siyathemba ukuba uzakwengeza isidima kuthi sonke kwaye uhloniphe abahlawuli beenkonzo zikamasipala.

Silindele isikhokhelo sakho, egameni labasebenzi ndithi sizakunika inkxaso yethu engagunqiyo. Yenza ngako konke kwindawo yakho entsha," kutsho uNkk Thiyane-Magaqa.

UMnu. Sineke uwuncomile umsebenzi omle owenziwe ngaphambi kokuba afike.

"Ndiyazi ukuba ndingena ezihlangwini ezinkulu, kodwa ndicela nindamnkele ngale ndlela endiyiyo," kutsho uSineke ngokufutshane.

Usodolophu naye uwuncomile umsebenzi omhle owenziwe libambela Mphathi Masipala.

















**UMphathi Masipala Umnu. G. M. Sineke uthethe nabasebenzi kwintlanganiso yokuqala esemthethweni. Bonke abasebenzi kuquka abasuka kwezinye ii-ofisi zalomasipala bephulaphule intetho.**

# UMphathi Masipala omtsha umemelela ukuzinikezela kubasebenzi

KUNGENTSUKU zatywala emva kokuqeshwa kwakhe uMphathi Masipala, uGamakulu Ma-Art Sineke ulumnkise ngesihlalo sakhe njengoMphathi Masipala, akachithanga xesha wamemelela umanyano olungamandla, ukuzinikezela emsebenzini nokusebenza ngamandla ngobumbano.

UMnu. Sineke wenze esi simemelelo kwindibano yakhe yokuqala nabasebenzi baseHarry Gwala emva kokutyunjwa njengoMphathi walo Masipala.

UMnu. Sineke, nowaziwa ngesiduko sakhe esithi "Bhele okanye iBhele elide," unolwazi oluphangaleleyo kulawulo lwasemakhaya emva kokuba esebenze njengoMphathi nanjengoceba koomasipala abahlukeneyo kwisiThili iHarry Gwala. Unyukele kwisikhundla esuka kumasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe apho ebenguMphathi Masipala iminyaka elishumi, nanjengoko eqale ukusebenza khona ukusukela kumnyaka wama2011 kwade kwafika ixesha lakhe lokutyunjwa kwisiThili.

Wafumana iMaster of Education (Med) kwidyunivesithi yaKwa-Zulu Natal, ukwanayo neBacholor of Education (Bed) neBachelor or Arts (BA).

Phambi kokuba asebenze eBuhlebezwe, uMnu. Sineke usebenze njengoMphathi Masipala koomasipala basekuhlaleni ebebefudula besaziwa njenge Ingwe/ KwaSani ngaphambi kokuba badityaniswe babeyi Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality.

Kwintlanganiso yakhe yokuqala udibene ngokusesikweni nabaphathi namabambela baphathi, abasebenzi abaphuma kuzo zonke ii-ofisi kuquka nabo abasebenza kwi-ofisi eyongameleyo. Kwintetho yakhe yokuqala, ukugxininisile ukubaluleka kokusebenza ngobumbano ukuziza uhanjiso lweenkonzo kubantu besiThili saseHarry Gwala.

"Nanjengoko uMasipala wesiThili elawula amanzi nogutyulo lwelindle, sidinga ukusebenza ngokubambisana noomasipala bethu basekuhlaleni ukuqinisekisa isisombululo sanaphakade kwimiceli mngeni eqhubeka ukuvela kwiindawo zabo." Uthe badinga ukuqinisekisa ukuthi zonke iiwadi zinamanzi. "Eli yinxalenye yocwangciso lwethu lokuba ngumasipala ophala phambili ngohlinzeko lwamanzi ilizwe lonke," kutsho uMnu. Sineke. Uthe akukho kwanto enokwehlula uMasipala xa abasebenzi bemanyana basebenze njengekhaya.

UMnu. Sineke ulumnkise kwabezopolitiko bekwangabasebenzi bakaMasipala ukuba bangasebenzisi ixesha likaMasipala lokusebenza ukuqhuba iintlanganiso zabo zezopolitiko nemicimbi.

Uqhubeke wakhankanya umthetho omtsha oyiliweyo wokusebenza koomasipala othi, abasebenzi bakwamasipala abavumelekanga ukubamba izihlalo kwimibutho yezopolitiko.

Ucebise abo abathintekayo ngulo mthetho ukuba basabele ubizo bakhethe phakathi kokuba ngabasebenzi bakaMasipala okanye abezopolitiko. Umnu. Sineke uqhubeke wacacisa ukuba umnyango wakhe uvuliwe kwabadinga uncedo lwakhe kwaye abo abenza iimpazamo bazakulungiswa apho kukhona isidingo.









**Uncumo nochulumanco belubhalwe ubusweni ngethuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala ubhengeza iiprojekthi ezintathu ezizakuqala ngokukhawuleza eMzimkhulu. Amalungu oluntu eze ngobunintsi bawo ukuzakuphulaphula intetho kaSodolophu.**

## Amanzi bubomi, ugutyulo lwelindle sisidima:

# ISITHILI IHARRY GWALA SAZISA NGEEPROJEKTHI ZOHANJISO LWEENKONZO UKUPHUHLISA ULUNTU

ABANTU baseMzimkhulu ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala, banemincili nanjengoko kuzakuvuselelwa isidima sabo kulandela ukwaziswa kweeprojekthi ezintathu ezizakuqala ukusebenza ngokukhawuleza.

Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo wazise ngokuqala kokwakhiwa kwe-Umzimkhulu Bulk Sewer, ukwembiwa kwemingxuma nokwakhiwa kwe-junction boxes, ukwakhiwa kwesitishi sokuphehla esizakunceda zonke iingxaki zogutyulo lwelindle ebezingumceli mngeni kwidolophu yaseMzimkhulu.

"Le projekthi izakunceda kwimiceli mngeni yezogutyulo lwelindle eMzimkhulu. Le projekthi iquka ucwangciso nokwakhiwa kwendawo entsha ezakufunxa iWizzy Valley, ibala elisedolophini, Esayidi TVET College, ukuxhuma imibhobho kwindawo yasesibhedlele nokuvala ipump station 3. Le ndawo yogutyulo entsha izakunceda uphuhliso lwangoku kwanezicwangciso zophuhliso kumantla edolophu," kutsho usodolophu Nxumalo.

Le ndawo yogutyulo nesitishi zokuphehla kuzakuxabisa i-R49 177 000.26, ukwakhiwa kweBulk Sewer nemingxuma nokwakhiwa kwejunction boxes kona kuzakuxabisa i-R24 106 168.91. Ixesha eliqikelelweyo laleprojekthi ziinyanga ezilishumi elinesibhozo.

IConsulting engineers yiZimile Consulting Engineers, oonokontilakhi yi-SSR Security T/A neMahlubi Plant Hire kuzo zombini ezi projekthi.

Uceba wakwa ward 16 uNkszn. Khanyisile Mafuleka uthe uluntu luyavuya kakhulu ngokuqalisa kwale projekthi.

"Siyavuya ngoba ezi projekthi ziza kuzisa amathuba



**Kuzakudaleka amathuba emisebenzi ukuqala kweeprojekthi ezintathu eziziswa sisiThili iHarry Gwala eMzimkhulu.**

emisebenzi kuluntu, kodwa sivuya kakhulu kuba le projekthi izakuzisa isidima nanjengoko sizakuba neendawo eziphucukileyo zogutyulo lwelindle," kutsho uNkzn. Mafuleka.

Usodolophu ukwazise ngeGreater Mnqumeni Water Scheme: Isigaba 5.

Le projekthi izakwakha iGreat Mnqumeni Abastration Works, Pumping System and Rising Main: Civil, Mechanical and Electrical. Konke oku kuzakuxabisa i-R28 000 000.00.

IConsulting engineers yi-ECA Consultants, unokhontilakhi yiMabona Civils and Plant Hire. Ixesha eliqikelelweyo laleprojekthi ziinyanga ezilishumi.

Le projekthi iquka uphuhliso lomthombo wamanzi ohlinzeka iMasameni, Mngumeni, Ndlovini Ehlanzeni, Matyeni, Gugwini nase Mahhobe.

Usodolophu Nxumalo ucele uluntu ukuba luqinisekise ukuba ezi projekthi zisebenza kakuhle nokuthi ukutgqitywa kwazo kufuneka bazikhusele. "Obu bubomi obungcono esasithembise ngabo. Iinkonzo zamanzi acocekileyo, aselekayo, ezingaphazamiseki kunye neendawo ezilungileyo zogutyulo lwelindle. Uxanduva lwakho njengomhlali kukukhusela ezi zakhiwo," kutsho usodolophu Nxumalo.



**Amalungu oluntu anikwe ithuba lokubuza imibuzo ukuze afumane iimpendulo ngethuba kusaziswa eziprojekthi.**



**Iinkokheli zezopolitiko eHarry Gwala nabaphathi bashoshe imikhono batyelela iindawo ezilishumi nanye ukuyoqwalasela inkqubo.**

# Iiprojekthi eziyi11 zityelelwe sisikhokhelelo soMasipala wesiThili iHarry Gwala



**Igqiza elikhokhelwe ngusodolophu uceba Z. D. Nxumalo, usomlomo uceba S. Mdunge, lubambe intlanganiso emfutshane neenkokheli zeeprojekthi nabasebenzi abaphethe iiprojekthi.**

OOCEBA boMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye nabaphathi, bekhokhelwa ngusodolophu uceba Z. D. Nxumalo nosomlomo uSibongiseni Mdunge, batyelele iiprojekthi eziyi11 ezahlukeneyo ngeenjongo zokuqinisekisa ukusebenza kwazo.

Iindawo abazityeleleyo ziquka iNcukubane Water Supply Scheme, iSummerfield Water Supply Scheme, KwaMeyi Teekloof Water Supply kunye ne-Ibisi Sewer Project, zonke ezi zingaphantsi koMasipala wasekuhleleni Ubuhlebezwe kunye nomasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu.

Usuku lwesibini lotyelelo kube yi Kokstad Rising Main, Horseshoe Waterborne Sewer Project ne Bulwer Nkumba Nkelabantwana Water Supply Scheme kunye neNomandlovu Water Scheme, ezingaphantsi komasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad nomasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma.

Kusuku lolugqibela lotyelelo baye eBuhlebezwe nalapho betyelele iHighflats Water Supply Project ne-Ixopo Sewer Rectification.

Usodolophu Nxumalo unxibelelane nabaphathi bezi projekthi kunye nabaphathi boomasipala abaphethe eziprojekthi kwezi ndawo.

Usodolophu Nxumalo uthe kubalulekile ukuba iiprojekthi ziqhutywe ngendlela eyiyo kwaye umasipala anikwe ingxelo rhoqo.

“Umsebenzi wethu singu masipala ulula, silapha ukuqinisekisa ukuba sihlinzeka uluntu ngamanzi. Ewe, kunzima ukulawula umcimbi wamanzi ngamanye amaxesha, koko okwethu kukusebenza nzima ukuqinisekisa ukuthi abantu kwisiThili bafumana amanzi acocekileyo. Kufuneka sizimisele senze izicwangciso ezilungileyo ukuze ezi projekthi zigqitywe ngexesha elibekiweyo,” kutsho usodolophu Nxumalo.

Usomlomo nosodolophu bathe bazakubeka iliso elibukhali kwezi projekthi kwaye bazakuzityelela bengabhungisanga ukuyojonga inkqubo yazo. Kucetyiswe ukuba kwenziwe iingxelo rhoqo ngenyanga ngenkqubo yezi projekthi ezingasentla.

Emva kolu tyelelo kuye kwakhona intlanganiso emfushane nabaphathi boomasipala ukunika ingxelo yokwenzeke kwiiprojekthi nokuthetha ngesisombululo nomhlahla ndlela.














**UMasipala wesiThili iHarry Gwala uqhube utyelelo lwe-IDP lonyaka mali wama 2022/2023. Amalungu oluntu afumene ithuba lokubuza abaphathi kunye neenkokheli zezopolitiki imibuzo ngokuhanjiswa kwenkonzo.**

# UTYELELO LWE-IDP
# Ithuba lokuthetha namalungu oluntu

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uqhube utyelelo lwe-IDP lonyaka mali wama 2022/23. I-IDP iqale kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, izakugqibela kumasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu kweYeNkanga. Utyelelo lwe-IDP luquka nabanye oomasipala basekuhlaleni Ubuhlebezwe kunye neDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ngaphantsi kwesiThili iHarry Gwala.

Le nkqubo ikhokhelwa ngumthetho wolawulo loomasipala, isahluko 4, nogunyazisa ukuba oomasipala mabaxhumane noluntu kwizicwangciso nokusungulwa kweenkqubo zebhunga.

I-IDP lucwangciso olunika umfanekiso womsebenzi wophuhliso. Iinjongo zawo kukulungisa umsebenzi kulawulo lwasemakhaya namanye amasebe karhulumente ukwenza izicwangciso ezicacileyo ukuphucula ubomi babantu bonke abahlala endaweni. Ucwangciso lujonga macala, ezoqoqosho kwanophuhliso loluntu kumasipala wonke kwisithuba seminyaka emihlanu, ngokoyamene nexesha lengqesho yooceba basemakhaya.

Iingcebiso eziphuma koomasipala basekuhlaleni ziquka ummba wamanzi nogutyulo lwelindle, neziluxanduva olungundoqo lwesiThili. Eminye imiba ekhankanyiweyo iquka ummba wabantwana abahlala ezitalatweni nabasebenzisa iziyobisi abaziwa ngokuba ngama 'phara.'

"SisisiThili iHarry Gwala sizimisele ekuqinisekiseni ukuba sizisa iinkonzo ebantwini abaphantsi kwesi siThili. Amanzi nogutyulo lwelindle luxanduva lwethu, kungoko sizinikezele ekwenzeni lo msebenzi. Kukhona iiprojekthi ezimbalwa esiziqulunqayo ukuhlangabezana nezidingo zoluntu lwethu," kutsho usodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo.

Imibono evezwe kolu tyelelo ibhalwe phantsi sisiThili noomasipala basekuhlaleni ukuze ifakwe kwizicwangciso zabo.

Abantu balivuyele ithuba lokuthetha nabaphathi bomasipala, besithi ezi ngxoxo zizisa ithemba lekamva eliqaqambileyo notshintsho oluzakubonakala.












**Uceba omtsha ochongwe wafungiswa libhunga elongameleyo loMasipala wesiThili iHarry Gwala, uMnu. Lonwabo Nzimande.**

# Uceba omtsha uzimisele ukunceda uluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala

UCEBA omtsha ofungiswe kutshanje woMasipala wesiThili iHarry Gwala uMnu. Lonwabo Nzimande, uthembise ngokuhambisana negwijo likaMasipala elithi: “Sikunye sizisa iinkonzo siyakhula,” ngethuba kubanjwe intlanganiso ekhethekileyo kwii-ofisi zebhunga e-Ixopo.

Esothula intetho yakhe yokwamnkela njengoceba weHarry Gwala uNzimande uthe, uzimisele kwaye uyaqinisekisa ukuba kukhona ukuhanjiswa kweenkonzo, kwaye bazakubambisana nabanye ooceba ukwenza oko.

“Ndiyazingca kwaye ndiziva ndindilisekile ukuba kwibhunga likaMasipala wesiThili iHarry Gwala. Ndiyazinikezela kwisitsho esithi sikunye sizisa iinkonzo Siyakhula. Ndinomdla wokusebenzisana noogxa bam ukuzisa iinkonzo eluntwini lwesiThili saseHarry Gwala,” kutsho uceba Nzimande.

UNzimande ebephelekwe lusapho lakhe kule ntlanganiso yakhe yokuqala ekhethekileyo.

Usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, wamnkele uceba omtsha, wathi makangaphozisi maseko awe ekhondweni.

“Owona msebenzi wethu sisiThili ngamanzi noguthulo lwelindle, olu kuzakuba luxanduva lwakho nanjengoko uyinxalenye yethu. Ummba wamanzi unzima kodwa sifanele ukusebenza nzima ukuqinisekisa ukuba sihlinzeka ngamanzi acocekileyo naselekayo kuluntu lwethu. Oogxa bakho bazimisele kwaye basebenza nzima, akukho ngxaki ozakuhlangabezana nazo xa usebenza kunye nathi,” kutsho usodolophu Nxumalo.

UMphathi Masipala wesiThili uMnu uGamakulu Sineke, nofungise uceba Nzimande, umncomile.

Uphelekwe ngusotswebhu uceba N. Mhatu, ilungu eliphezulu uceba D. Bekwa, nabo bathe huntshu kuceba Nzimande baze bamnqwenelela konke okuhle kwisithuba sakhe esitsha. UNzimande utyunjelwe iindawo ezilandelayo kwikomiti yebhunga: Budget and Treasury Committee kunye neLocal Labour Forum. UCeba uNzimande ethatha iintambo emva kokwesula kukaCeba uBonani Keswa.








**Ooceba boMasipala wesiThili iHarry Gwala, oosopolitiki kunye namalungu oluntu edibene ngaphandle kweenkundla zamatyala eDonnybrook besithi anganikwa ibail umrhanelwa otyholwa ngokubulala. Le yinkqubo yolawulo lwamanina lwaseHarry Gwala elwa nokuxhazwa ngokwesini.**

# IsiThili iHarry Gwala sithi hayi ngokuxhatshwazwa ngokwesini

ABAHLALI besiThili iHarry Gwala, bexhaswa ngooceba, ikomishoni yamanina yaseHarry Gwala, iinkokheli zezopolitiko, amatshantliziyo oluntu asuka kwiindawo ezahlukeneyo, baye bazilungiselela ukuqhankqalaza ngaphandle kweenkundla zamatyala eDonnybrook ngethuba kuvela enkundleni umtyholwa uBaphumelele Zulu (21).

Umtyholwa ujongene namatyala amabini okubulala abafundi beMatriki u-Amanda Zulu (18) noMinenhle Buthelezi (18). Ummangalelwa uthe akazusenza isicelo se-bail, ityala laze lahlehliselwa inyanga YoMsintsi 2022 ngelixa kusenziwa uphando olunzulu.

Aba bafundi ababini ebebefunda uGrade 12 kwisikolo samabanga aphakamileyo iGinyani, babulawa ngokungenalusini kwiveki ephelileyo.

Aba bafundi bagecwa ngezembe ngethuba bekwindlu yabo ebebeqashe kuyo kwilali iNgwangwane, kwa ward 08 ngaphantsi komasipala wasekuhleleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma.

Kutyholwa ukuba ummangalelwa wabulala u-Amanda noMinenhle ngentseni yangeCawe (31/07/2022) ngaphambi kokuba ahlahlele imizimba yabo.

Umzimba olimele kakhulu kaZulu wafunyanwa udada egazini emyango kokwabo kwikhaya lakwaMemela, ngelixa umzimba ohlahlelweyo kaButhelezi wafunyanwa iikhilomitha ezintlanu ukusuka kwindawo yexhwayelo. Usodolophu weNDZ uceba S. Msomi kunye nosodolophu waseMzimkhulu uceba J. Msiya bebeyinxalenye yabantu ebebesenkundleni zamatyala. Abanye ooceba abasuka kwabanye oomasipala nabo bebekhona, bekhokhelwa ngusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo.

Kumyalezo wakhe wenkxaso uNxumalo uthe, bafuna kwenziwe ubulingiswa kwaye lilishwa eli lokuba lento yenzeke ngenyanga yamanina.

Usotswebhu womasipala iHarry Gwala, okwangukomishinali wamanina umemelele umanyano kumanina ngelixesha leli shwangusha.



**Ixhoba u-Amanda Zulu**



**Ixhoba uMinenhle Buthelezi**







# INGXELO ESUKA KWINKQUBO YEENGXOXO NGOKUKHULELWA KOLUTSHA

DR. NDZ LM NGWAGWANE HALL

## IMIBA EKUXOXWE NGAYO

## UKHULELWA KOLUTSHA • UKUXHATSHAZWA NGOKWESINI • ISANDULELA NGCULAZA NENGCULAZA KUNYE NESIFO SEPHEPHA • UKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI

**UKUKHULELWA KOLUTSHA**

Intswelangqesho • Unxinzelelo lwabahlobo • Ukuthandana nootata abanemali • Ukusetyenziswa kweziyobisi

**UKUKHUSELA**

Ukufundisa ngezesondo • Abazali babengumzekelo omhle ebantwaneni

**INXAXHEBA YAMASEBE**

Iinkgqubo zokukhusela • Ukuhanjiswa kweecondom ngamasebe iDOE kunye neDOH • Ukuphuhlisa iinkqubo ezigcina ulutsha luxakekile

**UKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI**

Abantwana ukusuka kwiminyaka elishumi ukonyuka bangamaxhoba • Zifumaneka kwiindawo zentselo, ezitalatweni nasezikolweni

**IMIPHUMELA**

Ukuba lixhoba • Ukuguquka kwendlela yokuziphatha • Ukudlwengula • GBVF

**OKUNGENZIWA**

Ukuzibandakanya koluthsa kwiinkqubo ezifana nezemidlalo • Abazali bangabathumi abantwana ukuyobathengela iziyobisi • Ukuvuselelwa kwamaqumrhu afana nabancedisi boluntu abaqaphe ekuhlaleni abazakuhlola iimphepha-mvuve kwiindawo zentselo • Zonke iinzame zokhuseleko ziphumelele

**GROUP 3**

- HIV ne TB
- Ukuthatha amaqhiza ngexesha
- Ungabi nabalingani abanintsi
- Yazi isimo sempilo yakho
- Ukwazisa umlingani wakho nabekhaya ngesimo sempilo yakho
- Ukuhlolwa rhoqo
- Ukukhuthaza amakhwenkwe ngolwaluko

- U-DOH izakunikisa ngamachisa ngokukhawuleza
- Amanesi azakuzinikezela ekugcinineni iimfihlo
- Ukwelulekwa ngeHIV ne-AIDS – ukuncendiswa yiDSD ngenkxaso yokwelulekwa ngokwengqondo

**GBVF** • Ukusetyenziswa kweziyobisi kunyusa izinga leGBV • Izinga eliphezulu lentswela ngqesho

# Masenze ezolimo zibe mbejembeje

## - Sodolophu Nxumalo










**USodolophu kaMasipala ombaxa iHarry Gwala uCeba uZ.D. Nxumalo ubeke phansi iimpahla zokuswenka wangana kwezokusebenza ngelixa beqhuba umsitho wokukhuthaza abantu ngezolimo. UMphathiswa wezothutho kwiphondo leKwaZulu Natal uMnu Sipho ophinda abe sisithunywa somphuhliso Hlomuka naye ube yinxalenye yalo msitho. Uqalwe ngokuba kuvalwe umgwaqo kuN2 kuhlolwa izithuthi ukuba zisesimeni esisino na nalapho uphethwe ngokusikwa kwekhekhe kuvuyiswana nexhego nexhegokazi elineminyaka elikhulu.**

UMPHATHISWA wezothuthu, ukhuseleko loluntu nonxibelelwano KwaZulu-Natal uSipho Hlomika, usungule inkqubo yokulima nenkqubo yenyanga yezothutho kwisiThili iHarry Gwala.

Ngethuba etyelele kwisiThili saseHarry Gwala umphathiswa Hlomuka uqhube ugqogqo nokuhlolwa kokuthotyelwa kwemithetho ku N2 Westland ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad. Ebephelekwe ngusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uZamo Nxumalo kunye nosodolophu weGreater Kokstad uLwanda Madikizela.

Le nkqubo yokutyala ikhokhelwa lisebe lezolimo nophuhliso lwasemakhaya, ngeenjongo zokuxhasa amafama akhasayo noluntu ukuphucula ukhuseleko lokutya nokugxotha ikati elele eziko.

Le nkqubo yenzeke kuMasipala wasekuhlaleni eKokstad kwifama iThuthuka Ngele apho umphathiswa Hlomuka, usodolophu wesiThili uNxumalo kunye nezinye iinkokheli nabaphathi abasuka kwisebe lezolimo nophuhliso lwasemakhaya bebonise ngeendlela ezintsha zokutyala kwiThuthuka Ngele Agricultural Cooperative.

IsiThili iHarry Gwala sizakutyala iimbotyi nombona kumhlaba ozihektari ezingama3100 kule sizini nalapho kuzakuxhamla abantu abangama962 kule nkqubo.

Ngaphezu koko, le nkqubo incedisa amafama ngeenkonzo zeegandaganda nokuxhuma, ukulima, kwanokunika amava kumafama adingayo ukuze kuphucuke isivuno, ngokoyamene nophuhliso lwezoqoqosho, ukudala amathuba emisebenzi kunye nokugxotha ikati elele eziko kwiilali eziphantsi kwesisiThili.

Ethetha kulo msitho, uNxumalo uthe, kubalulekile ukuba wonke amakhaya abe nesitiya, namalungu oluntu azibandakanye kule nkqubo yokulima. "Akufanelanga sithenge yonke into, okunye ukutya kufanele sikufumane ezitiyeni zethu, masenze ezolimo zibembejembeje zibe yindlela yokuphila," kutsho uNxumalo.

# "Sifuna amanina amaninzi kwezamanqindi"

## - Usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala




**Usomlomo uceba S. Mdunge, ebonisa ikhono lakhe kwintshatsheli yembasa yeCommonwealth uNkszn. uPhiwokuhle Mnguni ngethuba lenkqubo kamasipala yeveki yezamanqindi ebibanjelwe kwi-ofisi yolawulo e-Ixopo.**

> ***"Indawo yamanina ayisekho ekhitshini kuphela. Ingakhona nakumaqonga ezamaqindi."***

OKU kuthethwe ngusomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Sibongiseni Mdunge, ngethuba esenza intetho kwinkqubo kamasipala yeveki yezamanqindi ibibanjelwe kwii-ofisi zikamasipala e-Ixopo.

Lo msitho wezamanqindi woMzantsi Afrika (BSA), ujolise ekuxoxeni ngemiceli mngeni yokungena nokwenyukela kwamanina kwezamanqindi. IBoxing SA ithi le yenye yamanyathelo okutshabalalisa ubandlululo kumhlaba wezamanqindi.

Utyelelo loomasipala lwamanina kwezamanqindi ubambisene neSouth African National Amateur Organisation (SANABO)

Usomlomo Mdunge, kwintetho yakhe yokwamnkela uthe, amanina mawathathe eli thuba azibandakanye kakhulu kwezemidlalo njengendlela yokulwa neengxaki zoluntu ngakumbi ukuxhatshazwa ngokwesini.

"Indawo yamanina ayisekho ekhitshini kuphela, asisalindelanga ukuba bakhe amanzi nokupheka kuphela, kodwa sifuna bazibandakanye kakhulu kwezemidlalo. Sifuna iimbethi manqindi neembaleki ezingamanina zithathe indawo. Sifuna amanina amanintsi kwezamanqindi. Sinethemba lokuba, ngokubandakanya ulutsha kwezemidlalo kuzakwehla izinga lokuxhatshazwa ngokwesini. Singumasipala uxanduva lwethu olungundoqo ngamanzi nogutyulo lwelindle, kodwa sifuna nokukhuthaza nokuxhasa iinkqubo zemidlalo eziphuhlisa ulutsha," kutsho usomlomo Mdunge.

Olibambela lomphathi omkhulu kwiBoxing SA uMnu. Nsikayezwe Sithole uthe, kukhulu ekusafanele kwenziwe ukuqinisekisa ukuba amanina ayaphumelela kwezamanqindi, oku kuquka ukuphakamisa iimbethi manqindi zamanina kwanokutsala abadlali basetyhini.



**Ibambela CEO Boxing South Africa uMnu. Nsikayezwe Sithole uthe kusekukhulu ekufanele kwenziwe ukuqinisekisa ukuba abasetyhini bayaphumelela kwezamanqini.**









Umongameli weSANABO uMnu. Siyabulela Mkhwalo uvemelene naye esithi, abasetyhini kufuneka baqale besebancinane ukuzibandakanya kwezamanqindi.

U Nkszn. Phiwokuhle Mnguni (21) waseDundee, owaphumelela imbasa kwimidlalo iCommonwealth 2022, uthe waqala ukudlala amanqindi eneminyaka elishumi nambini (12). “Amanqindi andikhusela kwiingxaki zoluntu ngakumbi njengokuba ndikhulele elokishini. Ndihambe iindawo ezinintsi ngenxa yamanqindi, kwaye ndikhuthaza abasetyhini ukuba bandilandele kakhulu abo abasebancinci ukuze bakhulele kwezemidlalo. Ndiqale ezamanqindi ndineminyaka elishumi nambini, kube luhambo olonwabisayo,” utshilo.

Oomasipala basekuhlaleni bakhuthazwe ukuvula iiholo zabo ukuze kuqhutywe ukhuphiswano lwezamanqindi kwaye bavule amaqela ezamanqindi amanintsi.





**UMasipala wesiThili iHarry Gwala ubunemincili ngethuba usingathe inkqubo kamasipala yeveki yezamanqindi.**





**Ibe yimpumelelo inkqubo kamasipala yeveki yezamanqindi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala. Amantombazana asuka kwizikolo nakumaqela ezamnqindi ahlukeneyo ebeyinxalenye yalo msitho.**




**IHarry Gwala Development Agency (HGDA) isingathe ukunikezelwa kwemveliso nokusungulwa kweprojekthi iLemvelo Body Lotion and Body and Massage Oil.**

# Ukugqithiswa kwemveliso nokuvulwa kweprojekthi

IGATYA lophuhliso laseHarry Gwala (HGDA) libambe umsitho wokugqithiswa kwemveliso nokuvulwa kweprojekthi iLemvelo Body Lotion and Body and Massage Oil.

Umphathi omkhulu weHGDA uNkszn. Antionette Whyte uthe, lo msitho ubonakalisa impumelelo efumanekayo xa urhulumente, amasebe kunye noosomashishini abasakhasayo bemanyene. Abahlawuli beenkonzo zikamasipala ebebezimase lo msitho baquka uDepartment of Science and Innovation, Technology and Innovation Agency (TIA) kunye neCouncil for Scientific and Industrial Research Council (CSIR). I-Lemvelo Cosmetic Products isungulwe ngukopolotyeni waseMzimkhulu, iDMT Agricultural Cooperative, evelise ezizithambiso ngeRose Geranium (Pelargonium graveolen).

Ethetha kulo msitho uWhyte uthe, uneminciIi ukubona intsebenziswano phakathi kweshishini lezobuhle nelo nakekelo lolusu. I-HGDA izibophelele ukunceda ekukhuleni kweli shishini ngokuchonga iindawo ezizakukhulisa elishishini, baqinisekise ukuba imveliso iyakhula, bafumane inkxaso, bancedise nokubafumanela abathengi ekuhlaleni naphesheya.

I DMT Agricultural Co-op yasungulwa ngomnyaka wama 2008, isebenzela kwiFama iNooitgedacht eMzimkhulu, KZN. Okwangoku baneemveliso zezithambiso ezinee-oli ezibalulekileyo noCSIR, besebenzisa inanotechnology. Bazibandakanye nabanye abavelisi bee-oli ezibalulekileyo ukuze bakhulise imveliso yee-oli ezibalulekileyo kwiphondo. Baneemveliso ezahlukeneyo eziquka isepha, ii-oli zokuvasa nezithambisi ezinee-oli ezibalulekileyo kwimixube yazo.

Baye badala amathuba emisebenzi angamashumi amahlanu kuluntu lwelali iKwa-Meyi ekuward 11 eMzimkhulu. Unikezelo lubonisa ukugqitywa kophononongo nophuhliso lomsebenzi nokunikezelwa kwezivavanyi ne-file yeemveliso kulo kopolotyeni. Ukopolotyeni uzakuqalisa azise kwaye athengise ezi mveliso kumashishini ahlukeneyo.





**Unikezelo lubonisa ukugqitywa kophononongo nophuhliso lomsebenzi, nokunikezelwa kwezivavanyi ne-file yeemveliso kulo kopolotyeni. Ukopolotyeni uzakuqalisa azise kwaye athengise ezi mveliso kumashishini ahlukeneyo.**


**HARRY GWALA DISTRICT MUNICIPALITY**

*"Together We Deliver and Grow"*

**Customer Care Line: Tel: 0860103651**
**Cellphone: +27 (60) 570-6193**
**Email: customercare@harrygwaladm.gov.za**

**@Harry Gwala District Municipality**
**@GwalaHarry**




# Kuvulwe ikhasi leWhatsApp

Umasipala wesiThili iHarry Gwala unyamezele iinzame zokuphuhlisa ukuzibandakanya kwabaxhamli noku-hanjiswa kweenkonzo. Umasipala ufake uWhatsapp njengenye yeendlela zokunxibelelana. Le yenye yezixho-bo zokunxibelelana esetyenziswa ngabaxhamli ukuxhumana neCall Centre yethu. I Whatsapp kuthiwa yeyo-na ndlela efikelelekayo. I Whatsapp ingasetyenziswa ukucela iinkonzi, kwanokugqithisa izikhalazo ezifana nezamanzi nogutyulo lwelindle, okanye ezinye iinkonzo ezinikwa nguMasipala wesiThili iHarry Gwala, iiyure ezingama 24 ngosuku, iintsuku ezisixhenxe ngeveki.

Yintoni ofanele ukuyibhala kumyalezo wakho?

- Igama nefani yakho
- Idilesi yesitalato, kuquka idolophu okanye ilali
- Ungafaka nomfanekiso xa ukwazi


Ngokufanayo naxa uxela izinto emnxebeni, isikhalazo sakho sika Whatsapp sizakufakwa kuluhlu lolawulo lwezikhalazo uze uthunyelelwe iReference Number nge SMS. Le Reference Number ungayisebenzisa ukulan-dela isikhalazo esingakhange silungiswe okanye isicelo.

Inombolo kaWhatsApp ithi: 060 570 6193, kungenjalo usebenzise eyonakekelo lwabaxhamli ethi: 086 010 6351, okanye uthumele i-email ku: **customercare@harrygwaladm.gov.za.**




# HARRY GWALA DISTRICT MUNICIPALITY, UTYELELO LWABAXHAMLI IMPUMELELO ENKULU!











**Amalungu oluntu lwase-Underberg athabathe ithuba lokuveza iingxaki zabo zamanzi nogutyulo lwelindle kunye neentlawulo zabo ngethuba umasipala eqhuba utyelelo lweenkonzo zabaxhamli. Abasebenzi kunye nooceba bomasipala iHarry Gwala bebekhona ukuzakunceda uluntu.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ubambe ngempumelelo utyelelo lweenkonzo zabaxhamli kwidolophu i-Underberg nalapho uluntu luye lwaphuma ngobunintsi balo lufuna uncedo. Eli qonga livumela abaxhamli ukuba bathethe ngqo nabaphathi boomasipala ukuveza iingxaki abanazo ngokoyamene namatyala abo okanye ukuhanjiswa kweenkonzo.

Olu tyelelo lusetyenziswa ukufundisa abaxhamli ngeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Olu tyelelo lunike uluntu, oosomashishini nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala iqonga lokunxibelelana nomasipala ukuze baxoxe ngemiba yamanzi kunye nentlawulo. Oku kwenze umasipala akwazi ukubanika ulwazi nokufumana izikhalazo kubaxhamli abahlala kwiindawo ezisemaphandleni abangakwazi ukufikelela kwii-ofisi zikamasipala. Olu tyelelo beluzinyaswe ngooceba, abaphathi, abalawuli kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala abahlukeneyo.

Kugxilwe ekulumnkiseni abaxhamli, kwamanyelwa izikhalazo ngemiba edibene nokuhanjiswa kweenkonzo, inkqubo yesibonelelo ephelelwe kweYoMsintsi, ukuxhobisa uluntu ngolwazi, ukubhalisela iinkonzo zabangathathi ntweni, ukwenza izicwangciso zentlawulo kwakunye nezikhalazo zamanzi nogutyulo lwelindle.

# Impumelelo yentlanganiso iDistrict Development Model Political Hub



**IDistrict Development Model (DDM), intlanganiso yePolitical Hub kwi-ofisi zebhunga kuMasipala Umzimkhulu, ibe yimpumelelo enkulu namalungu awuzimase ngobuninzi bawo lo msitho.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, usingathe intlanganiso iDistrict Development Model (DDM), Political Hub ezi-ofisini zebhunga lomasipala UMzimkhulu.

I-DDM ikhuthaza ukusungulwa kweenkqubo zesiThili zokwabelana, ziphelekwa lulwazi olubalulekileyo ukuze zisetyenziswe luluntu.

Le ntlanganiso yinxalenye yongenelelo kukarhulumente olujoliswe ekukhawuleziseni kokuhanjiswa kweenkonzo ngeDistrict Development Model (DDM).

Onke amasebe nabahlawuli beenkonzo zikamasipala bebezimase le ntlanganiso.

Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo, obechophele le ntlanganiso uthe ukumanyana kwintlanganiso yeDDM kuzakuza neziphumo ezintle.

“Kungayinkcitho yexesha xa sonke sinokudibana apha emva koko kungabikhonto izakwenzelwa abantu. Iingcebiso nezigqibo ezithatyathwe apha kufuneka sizifezekise. Makulandelwe izikhalazo zide zisonjululwe,” kutsho usodolophu Nxumalo.

Usekela mphathiswa kwisebe lobumbano loorhulument nemicimbi yeemveli (CoGTA), uMnu. Obed Bapela, i-CEO yeMISA, uMnu. Ntandazo Vimba, uMnu. Vikani Mthintsho umcebisi okhethekileyo kumphathiswa (CoGTA) kunye noGqrh. Sifiso Ngcobo, umcebisi kuD. M. Bapela baye bangenelela kule ntlanganiso.



# INGXELO YEPROJEKTHI
# UKUNYUSWA KODONGA LEDAMA IKEMPSDALE

## IGAMA LEPROJEKTHI: UKWAKHIWA KODONGA LEDAMA IKEMPSDALE NOPHUHLISO LWESITISHI SOKUPHEHLA: UMSEBENZI WOMZILA, ISAKHIWO, OOMATSHINI KUNYE NOMBANE

**Indawo yeprojekthi**
Iprojekthi ikuMasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, ongaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala. Le projekthi ijongene nokuhanjiswa kwamanzi kwindawo yaseKokstad.

**Imvelaphi**
Idolophu yaseKokstad ifumana amanzi ayo acocekileyo kwimithombo emithathu elandelayo: amanzi afumaneka ngaphantsi komhlaba, idama iCrystal Springs kunye nomfula uMzintlava. Amanzi ahanjiswa ngesakhiwo samanzi esiwasa kwiziko lokucoca amanzi elingama 18Ml (WTW). Le WTW isebenza ngaphantsi ngomlinganiselo wayo nalapho ithatha i12Ml ngosuku ngenxa yomceli mngeni wemithobo yamanzi. Kukhona iiprojekthi esele ziqalile ukusebenza ukuphucula umceli mngeni wemithombo yamanzi, umzekelo, iKokstad Rising Main esele izakugqitywa. Le projekthi, ukonyuswa kwedonga ledama iKempsdale, ijoliswe ekukhuliseni ugcino lwamanzi edamini kabini, nokuhanjiswa kwamanzi ukusuka emfuleni.

Ngenxa yomceli mngeni wemithombo yamanzi kuhanjiso lweenkonzo zamanzi, oku kukhokhelele kulawulo lokuhlinzeka ngamanzi kwidolophu yaseKosktad neendawo eziyingqongileyo, nalapho kuvalwa khona amanzi phakathi kweyure yethoba ekuseni neyesine emalanga ukuze kugcwale imithombo egcina amanzi. Le projekthi izakunceda abantu baseKokstad kuMasipala wasekuhlaleni iKokstad ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Le projekthi izakuqhubeka iqinisekise ukuhlinzeka ngamanzi kwidolophu yaseKokstad kude kube ngumnyaka wama2040, incede ukukhulisa idolophu neendawo eziyingqongileyo, incede nokukhulisa ezoqoqosho kule dolophu.

Okwangoku kukhona iinkqubo zophuhliso lezoqoqosho nezoluntu ezimisiwe ngenxa yokunqongophala kwamanzi kule dolophu. Kukhona iindawo ezifana neHorseshoe eziphuculiweyo ngokufakelwa iinkonzo zogutyulo lwelindle ezisebenzisa amanzi, kodwa azikasebenzi ngenxa yokunqongophala kwamanzi. Kungoko ukwakhiwa kwedama iKempsdale kuzakuzisa uphuhliso loluntu nezoqoqosho kule ndawo.

Umasipala ufuna ukuqhubeka nokuvula amathuba emisebenzi ngokuqesha abantu balendawo ngaphantsi kwe-EPWP usebenzisa iindlela eziphucukileyo zokwakha apho kuvumeleka iinkqubo zokhuseleko. Umasipala ukwazimisele ukuphuhlisa oosomashishini abasakhasayo ngokubanika ithuba lokusebenza ngaphantsi koonokhontilakha abakhulu.

Oku kuzakwenziwa emva kokuba umasipala, unokhontilakhi omkhulu nabacebisi bechonge imisebenzi abazakuncediswa kuyo, ukuqinisekisa ukuba oonokhontilakhi abancedisayo bayawazi umsebenzi abazakuwenza nekufanele bakulindele.

Iprojekthi yokwakhiwa kodonga lwedama iKempsdale izakuxhaswa yiNkxaso yezaKhiwo kaMasipala kwiCandelo loLawulo lweeProjekthi ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala, kwaye izakuthabatha iinyanga ezingamashumi amabini anesine ukugqitywa.

# USodolophu waseHarry Gwala ukhulule umthika wobusodolophu ngembeko kusodolophu waseKokstad



Iindwalutho, kuquka usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, uMM uMnu. G. H. Sineke kunye nowayesakuba ngusodolophu waseKokstad uMnu. Bheki Mtolo, bedibene kumsitho wokothula uMtolo umthika nomxhaka wobusodolophu, nokumnqwenelela okuhle kodwa kwisithuba sakhe esitsha sikanobhala we-ANC ephondweni.



U-MM waseKokstad uMnu. Sipho Zwane enqwenelela uMtolo okuhle.





Oosodolophue kwisiThili bancedise usodolophu wesiThili uZ. D. Nxumalo ukukhulula umxhaka wobusodolophu kuMtolo. Aba ngusodolophu waseBuhlebezwe uceba E. B. Ngubo, usodolophu waseMzimkhulu uceba J. Msiya kunye nosodolophu waseDr. Nkosazana Dlamini Zuma uceba S. Msomi.

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, ube ngokhethiweyo ukuba akhulule umxhaka kunye nomthika kowayesakuba ngusodolophu womasipala waseKokstad u-B. M. Mtolo, ngokwenjenjalo emkhulula ngokusesikweni kumsebenzi wakhe, ekwamnqwenelela impumelelo kwimizamo yakhe emitsha.

Usodolophu wesiThili wamnkele lembeko ngethuba kusithiwa ndlelantle kuMtolo kutshanje, emva kokuba etyunjwe njengo nobhala wephondo wombutho olawulayo KwaZulu-Natal.

UNxumalo, njengosodolophu, unamandla okuqinisekisa ukuba akukho sithuba sopolitiko okanye ukungazinzi koomasipala basekuhlaleni ngokudlala indima yokuqapha kwezopolitiko ukuqinisekisa ukusebenza nokungenelela ukusuza imiceli mngeni enokumisa ukuhanjiswa kweenkonzo.

Uceba Nxumalo ebeyinxalenye yezithethi zeendwendwe zosuku ebezize kuvalelisa kuMtolo, nalapho edize ukuba ebengumhlobo kaMtolo ngaphandle nje kokuba bengamaqabane kwezopolitiko.

"Ndadibana noMtolo kwiminyaka emininitsi egqithileyo kwintlanganiso yengingqi yekomiti i-REC. Kule ntlanganiso, ebeqondisa izigwegwe kumalungu ebephume endleleni," kutsho uNxumalo. Uqhube wathi kulapho beye bakha ubuhlobo obuye bakhokhelela apho eye wafundisa uMtolo ukuqhuba imoto. "Sobabini besisebenza kwii-ofisi ezabo abebefudula bengoosodolophu," utshilo uceba Nxumalo.

Uncome uMtolo ngokunyukela kwi-ofisi yephondo, esithi: "Wenze ngako konke onako eKokstad. Uwubeke ezimbalini lo masipala nanjengoko ungomnye woomasipala abaphala phambili kuzwelonke ngokusebenza nokusebenzisa kakuhle imali."

Uthe kwaziwa mhlophe ukuba xa uMtolo enokwenza kakuhle kwisihlalo sakhe esitsha uzakufunwa ukuze atyunjelwe izihlalo eziphezulu. Uthe siso isizathu esenza uMtolo anikwe uxanduva olukhulu lokukhokhela iphondo lonke laKwaZulu-Natal.

"Sisebenze kunye… uyazimisela kuyo yonke into ayenzayo, usoloko enomdla wokufunda kwaye usayibeke phambili imfundo," kutsho uceba Nxumalo.

Ukhuthaze abanye ooceba ukuba bazimisele ngokufunda, baziphucule ngemfundo ngoba imfundo ayigugelwa.

Uceba Nxumalo ungqinelene nowayesakuba ngusihlalo wendlu yeenkokheli zomthonyama KwaZulu-Natal, iNkosi Phathisizwe Chiliza nosihlalo ophetheyo wendlu yeenkokheli zomthonyama kwisiThili iHarry Gwala, abakhwele eqongeni nabo kulo msitho kaMtolo, besithi ukuhamba kukaMtolo makungadali uqhushulu nokulwela izikhundla ezizakuvuleka kwiBhunga. Uthe umasipala waseKokstad mawuqhubeke nobumbano owaziwa ngalo, usebenzele abantu bawo. Uqhube wathi uMtolo ulithemba labo lokulwela umhlaba, nanjengoko ezinye iinkokheli zihlafuna amazambani xa kufanele bajongane nalo mmba.

# Amalungu amatsha ebhodi yeHarry Gwala Development Agency








**Kutyhilwe ikhasi elitsha ngethuba iHarry Gwala Development Agency isazisa amalungu amatsha ebhodi.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z.D. Nxumalo ubhengeze ukwakhiwa kwebhodi yabalawuli yeHarry Gwala Development Agency (HGDA) kwisithuba seminyaka yama 2022 – 2025.

Le bhodi yabalawuli, uNkszn. Confidence Slindile Nqoko (usihlalo), uMnu. Ntethelelo Khanyile, uNkszn. Siphumelele Balungile Dlungwane, uMnu. Bongani Mzwakhe Mhlongo kunye noMnu. Sthembiso Ishmael Mbhele, batyunjwe baze babekwa kwiindawo zabo zomsebenzi noxanduva lisebe lolawulo lomanyano neendaba zeemveli (CoGTA).

Kwinthetho yakhe yokwamnkela, usodolophu udize ukuba le bhodi ikhethwe ngemisebenzi yawo emihle kwaye beza nolwazi oluphangaleleyo.

Uthe kubalulekile ukuba le bhodi yakhe ubuhlobo obuluqilima lokusebenza neCEO yeli gatya, uNkszn Antoinette Whyte, onconya kakhulu ngolwazi lwakhe lokugraya inkxaso nezoqoqosho kwanolwazi lokubhala imiqulu yocwangciso, nokwenza kungabikho sidingo sokuqesha oochwepheshe.

Ukusetyenziswa koochwepheshe kufanele kwehliswe, kutsho usodolophu nanjengoko oku bekusoloko kungumbono karhulumente. Uthe nanjengoko igatya lizakusebenza ngaphantsi kwesikhokhelo seCEO, bayathemba ukuba uxanduva lweli gatya, ukukhulisa ezoqoqosho, lizakuba yimpumelelo.

Ephelekwa ngamalungu olawulo, oosihlalo beekomiti ezimiyo, uMphathi Masipala uMnu. Gamakulu Sineke, abaphathi besiThili iHarry Gwala, banqwenelele ibhodi konke okuhle.



**Owayesakuba ngusomlomo waseKokstad uceba Lwanda Mdikizela utyunjwe njengo sodolophu kutshanje.**

# Usodolophu waseHarry Gwala uncoma ukutyunjwa kukasodolophu omtsha waseKokstad

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z.D. Nxumalo wamnkele nokuncoma ibhunga laseKokstad ngokumanyana ngethuba kukhethwa usodolophu omtsha.

Owayesakuba ngusomlomo kumasipala waseKokstad uceba Lwanda Madikizela, wonyulelwe indawo kasodolophu. Akekho umntu obebanga nokaMadikizela nanjengoko nemibutho yezepolitiko ephikisayo kumasipala iGreater Kokstad, ibonakalise inkxaso ngokufanayo ukuba atyunjelwe ukuba ngusodolophu. Ukunyukela kwakhe kwisithuba sokuba ngusodolophu kuza emva kokuba owayesakuba ngusodolophu waseKokstad, uceba B. M. Mtolo ethe wesula emva kokutyunjwa kwisithuba sokuba ngunobhala wephondo ngumbutho wakhe wezopolitiko.

Ukutyunjwa kukaMadikizela kushiye isihlalo sikasomlomo singenamntu, laze ibhunga lavotela uBheki Nozaza ukuze athabathe eso sithuba.

Ethetha kushicilelo lweendaba laseHarry Gwala uceba Nxumalo uthe, isikhokhelo sombutho olawulayo sibeke amathemba aso kwiinkokheli ezityunjiweyo ngenxa yemisebenzi yabo nemvelaphi yokuzinikezela kwabo ukusebenzela abantu, nokukwazi ukusebenza ngomanyano.

Ooceba abekho batsha kwibhunga kwaye bafumene ulwazi oluphangaleleyo ngexesha lolawulo lukaMtolo.

Uthe bayazi ukuba uMtolo ushiya ngasemva ilifa elinqwenelekayo nezihlangu ezinkulu, kodwa akuzuba nzima ukuqhubeka apho eshiye khona nanjengoko ibhunga lisebenze lafunda lukhulu kuye.

Uceba Nxumalo ubongoze uluntu lwaseKokstad ukuba luqhubeke luthabathe inxaxheba kwiinkqubo zikamasipala kwaye basebenzisane nosodolophu omtsha nanjengoko bebesenza nakuMtolo.

“Siyazi ukuba uninzi lwenu luqhele ukusebenza noMtolo, kodwa ngoku izinto zitshintshile ngoba uceba Madikizela uzakuba neendlela zakhe zokukhokhela, kungoko ndinibongoza ukuba niqhelane nendlela akazakukhokhela ngayo usodolophu omtsha,” kutsho uceba Nxumalo.

Uthe usodolophu omtsha angazenza iimpazamo kodwa uzakufunda kuzo, aphucuke ngenkxaso yoluntu ukuze aphuhlise iKokstad. Uqhube wathi, iKokstad iphala phambili kwezoqoqosho kwisiThili kwaye abazukwazi ukuyibuyisela umva emva komsebenzi onzima wokutsala abatyali zimali kunye namashishini amakhulu ashishina eKokstad.





**I-Operation Mbo ebibanjelwe eKokstad ibe yimpumelelo. Amalungu oluntu aphume ngobuninzi bawo eze kuphulaphula iinkqubo ezahlukeneyo kumasebe azo.**

# OPERATION MBO

**Umasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe ngempumelelo iveki yeenkonzo zoluntu ngaphantsi ko-Operation Mbo ngo-Operation Sukuma Sakhe. I-Operation Mbo yesisiThili ibibanjelwe kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad kwiholo yaseShayamoya, kwa ward 10. Wonke amasebe ebekhona ezokunikezela ngeenkonzo eluntwini nokunceda ukulwa nemiceli mngeni yoluntu esiThilini.**





**Operation Mbo – Inkqubo yephondo ezisa iinkonzo ebantwini.**

'UNIKA inkxaso kwaye uyasebenza." La mazwi achaza intloko yentshatsheli yesebe kwisiThili iHarry Gwala, uMnu. Mdu Zungu, ebephuma kubaphathi noluntu ngethuba ekhokhele inkqubo ngosuku lwesithandathu lweveki yokuqaphela iinkonzo zoluntu. Lo mphathi oyintloko use yincutshe inyanga kuphela emva kokuba wayeyincutshe kwisiThili iZululand.

UMnu. Zungu ebephelekwe ziinkokheli zezopolitiko, zikhokhelwa ngusekela sodolophu womasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, uceba K. J. Walker, intshatsheli kwi-ofisi yomphathiswa, DDG, uMnu. Henk Serfontein, oomasipala abangaphantsi kwesiThili iHarry Gwala, bekhokhelwe nguNkskz. T. T. Thiyane-Magaqa, umqoqoshi wephondo, uNkszn. K. Sithoke, iHarry Gwala DTT ne LTT zikhokhelwe ngusekela sihlalo, uMnu. V. Xulu namalungu abalawuli abakhulu abasuka kumasebe onke azinze kwiThili saseHarry Gwala.

Olu tyelelo nokuzibandakanya koluntu yinxalenye ye-Operation Mbo – inkqubo yephondo esa iinkonzo ebantwini. Amasebe eenkonzo zasemakhaya, SASSA, uphuhliso loluntu, ezolimo nelezempilo ngamanye amasebe anikezele ngeenkonzo zawo eluntwini.

Eli qela belishosha imikhono lisebenza ngaphambili kuzo zonke iindawo, kubo bonke oomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesisiThili, betyelela nokuqhaqha imiceli mngeni kwiiprojekthi, eziquka i-Ibisi Community Garden, Cabhane Bridge, Thubalethu Housing Project, Bulwer CSC, i-P417 Provincial road nezinye ezinintsi.

Utyelelo lweeprojekthi nemigushuzo yokubandakanya uluntu isebenza njengesixhobo sokuphelisa ukusilela nokungahanjiswa kweenkonzo, nokuqinisekisa ukuthi imali yabantu isetyenziswa kakuhle ukuze kuxhamle uluntu.

Le nkqubo ikwaqinisa ukusungulwa kweDistrict Development Model, ukuxubana, ubambiswano nokuzibandakanya kurhulumente.




**Usekela mphathiswa wesebe lophuhliso loluntu - uMme Hendrietta Bogopane-Zulu ngethuba esenza intetho ukuvalwa kwenkqubo i9-9-9, eKokstad. Ubongoze oomama abakhulelweyo ukuba bayeke ukusela utywala xa besakhulelwe.**

# Isikhumbuzo se-World foetal Alcohol syndrome Day

ULUNTU lwaseKokstad lumemelele ungenelelo loonontlalontle ukuphungula izinga elonyukayo labantwana abazalwa bene Foetal Alcohol Syndrome (FAS). Oku kuvakale kwisikhumbuzo se-International FAS Day, nebibanjelwe eKokstad Town Hall, apho usekela mphathiswa wesebe lezophuhliso loluntu – uMme Hendrietta Bogopane-Zulu, ebevala inkqubo ye9-9-9.

Le nkqubo, esungulwe ngusekela mphathiswa ngomhla wokuqala kweYoMsintsi 2019, ijolise ekunyuseni izilumnkiso ngobungozi bokusela utywala ngethuba ukhulelwe, okuquka ukubeleka umntwna oneFoetal Alcohol Syndrome Disorder (FASD).

Kulo nyaka, le nkqubo iqhutywe ngeentsuku ezilithoba ezilandelanayo, kumaphondo alithoba, liqale eLadybrand eFree State.

Kwizithethi ebezizimase ukuvalwa kwezingxoxo, bekukhona oomama abavumileyo ukuba basela utywala ngoku bekhulelwe, kodwa bacele uncedo koonontlalontle naseluntwini ngoba bathi bayabona ukuba babeka ubomi beentsana zabo ezingekazalwa engozini yokuzalwa ne Foetal Alcohol Syndrome ngokusela utywala.

Omnye walamanina, ngoneminyaka engama32 owaseBhongweni. “Ndisela ngoba ndikhathazekile. Ndakhulelwa ngempazamo kwaye noyise womntwana undivalile ukuba ndithethe naye. Uthi akafuni nto enokwenza nam okanye umntwana. Ndizamile ukusikhupha isisu kodwa besele ndineenyanga ezintathu nosuku olunye ndikhulelwe, ingcali yezeMpilo yangavumi. Ndidinga lonke uncedo koonontlalontle endingalufumana ngoba maxawambi ndiselela nje oku kokuba ndifumane ubuthongo ndizolibala iingxaki zam. Awekho amaqumrhu okuxhasana abantu abakhulelweyo kule ndawo kwaye siyawadinga kakhulu,” utshilo.

Usekela mphathiswa udibene noGqrh. Guru Kistnasamy osuka kwiCentral Drug Authority (CDA), okuyingalo yophuhliso loluntu enoxanduva lokuqapha, iphononónge ukusungulwa kwe National Drug Master Plan (NDMP 2019 - 2024). “Uphando lubonakalisa ukuba baqikelelwa kwizigidi ezintathu abantu abathintekayo yiFASD. Kumazwe angama187, uMzantsi Afrika unenani eliphezulu lesi sifo,” kutsho uGqrh. Kisnasamy, esithi le nkqugo ekhuthazayo ye9-9-9 mayisiwe nasezikolweni, kumaziko aphakamileyo, kumaziko ezempilo nakwiindawo apho kuthengiswa khona utywala.







# INyanga yaMafa neNkcubelo yamkelwe

Ibhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala libeke ecaleni iisuit neelokhwe zabo. Bekuvathwe ezesintu ngethuba kusamnkelwa inyanga yenkcubeko eYoMsintsi. Ibhunga belibhanyabhanya ngemibhaco yesiXhosa, imivunulo yesiZulu neentsimbi kunye nezinye izinxibo zaseMpuma. Usodolophu uceba Z. D. Nxumalo uncome ibhunga ngokuthabatha isigqibo sokunxiba isintu ukubonisa ukuzingca ngamagugu ahlukeneyo.







